# Abafazi! Bomtandazo!! Pulapula!!!

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Taru! Mhleli, ngesituba sezi mbongi: Asinakutula, umhlaba ubolile. Xa ndikubonisa ubume bomhlaba, angabhekabheka onke amagqobhoka: Pulapula! Uzakuva! —Ndibone kwipepa "Umteteli wa Bantu," lomhla weshumi elinesitandatu kwemiyo; yalo nyaka siwubambe ngemikala: Omnye umzalwana u Mnumzana Tyelinzima Gatyeni—ebuza, equkumbela kwayedwa esiti;—Yintonina encipisa ubugqoboka? Umzalwana lo kwayena uti; uneminyaka engamashumi amatandatu ezelwe: Kwaye ekufumaneni kwake ingqondo; ilizwi lika Tixo belishunyayelwa ngabe Fundisi, naba Vangeli babo kupela Ezinkonzweni: Kwalungake kwafaneleka apo: Andiyinqweneli ke mna Nontsizi, nalominyaka ingako: Xa ingenanto iyipeteyo eyiyo, neqiqayo: Pulapula! Umzalwena lo kwayena uti, namhlanje ungafika Izindlu zize;—upi unyoko mntanam? Umntana ukupendula ati uye entlanganisweni yomtandazo wabafazi, akalalanga apa kwapezolo: Paula ke mlesi! Umntana akatsho ukuti unina uye Ecaweni, kwindawo ekumelwe ukushumayela abafundisi nabavangeli babo kupela. Umntana uti umama uye emtandazweni wabafazi, indawo ke leyo emfaneleyo; namelwe ukushumayela kuyo, azintlite nangentloko, ezintsikeni zalo ndlu, nasezitulweni zayo etandaza: Ngamafutshane ke, nangapaya koko, umntu makayekane nabafazi bomtandazo; izidalwa ezibutataka: Ezitwele idyokwe enzima kangaka yo Eva no Esther, no Ruti, Debora, Miriam nabanye: Yokuwa kwe Hlabati lonke lipela eladalwa ngu Tixo: Kwanokuxolelwa noku vulwa kwalo ngu "Yesu"—Obeko naye kwange Nkazana engu "Maria" umfazi womtandazo ke nalowo. Kunye no Elisabete, Marta, Salomi, kwanabanye, ababezizilingane ezikulu zika "Yesu": Nabona bantu bokuqala abaya Engcwabeni, lingekapumi ne Langa; bakubona ukuvuka kuka "Yesu" Ekufeni Uteta ntoni ke umntu; ebuza ntoni? Tuluzufe! Izwe lawa nge Nkazana: Lavuswa kwa ngayo: Bekona o Moses abo osixelela ngabo: Inene—ndiswele indawo, nje "Epepeni"—bendizakukushumayeza wanele: Ke ndiyi tate indawo yaba Fundisi naba Vangeli babo nam ngokwelo xesha: Pulapula! Kwinto oti wena, abafazi bayeke eyona Talente Ingcwele yokukangela Intombi zabo: Utsho pantsi mzalwana: Pulapula! Intombi zezwe lakowenu; ziza kuhlolwa ngo Gqira abamhlope bezinye Izizwe, isimanga sento ke eso, esingazange sibonwe ngapantsi kwe Langa: Memeza! Umanyano!—Kupela wena, qwaba ke: Ulwe nalo mteto: Nanteo ke kuno kuba sigxekane, sinyelisana, simonelana, sihlebana, singcatshana, situta ndendaba, sixabanisa, sixoka, awu!—Yeboke! Ezona zinto ke ezo, ezincipisa ubugqoboka ububuzayo; Ingengabo abafazi Bokutandaza: Nanakade!! Utini u "Yesu Krestu?" Kwi Vangeli ngokubhaliweyo ngu "Yohane" Isahluko seshumi elinesine, iversi yokuqala neyesibini;—Mazingakatazeki Izintliziyo zenu: Kolwani ku Tixo! Nikolwe nakum: Endlwini ka Bawo zininzi Indawo zokuhlala; ukuba bekungenjalo ngenda nixelelayo: Litsho kuwe mfo ka Gatyeni elo Lizwi: Kolwa ku Bafundisi abo—naba Vangeli babo: ukolwe nakum mna mfazi wokutandaza: Itsho lo Vangeli: Endlwini ka Bawo zininzi Indawo zokuhlala: Ukuba bekungenjalo ngendanixelelayo: Litsho kuwe kwakona nelo mfo ka Gatyeni: Zininzi indawo ezimele Abafundisi: Zininzi indawo ezimele naba Vangeli babo; Zininzi nendawo ezimele Abafazi Bomtandazo: Zininzi nendawo ezisalindele Onyana Nentombi,—ukuba Baprofete. Yiva ke Mnumzana Tyelinzima Gatyeni: Anzima lamatye ale nduli si inyukayo: Kodwa ke sizimisele ukuhlala pezu kwawo sipumle; sandule ke ukuwagatya; Yivake! Bafazi Bomtandazo—Xa Ityelinzima li Gatyeni: Watsho! Nontsizi piko le Afrika; Elikusela amatole aze engemnki; emnke nezinye intaka eziwadlayo: Camaguni Bafazi Bomtandazo: Bendawo—ngendawo: Kumagumbi Omane Omhlaba—ngapantsi kwe Langa: Lowo onendlebe zokuva makeve!!